## Amagama amatsha amabawaqhele

| kwihagu | impuku | yatsho |
| --- | --- | --- |

## Izandi (ukuqwalasela kwakhona)

bh, kh, mb, ng, nk, ny, th

## Izandi

**nq** (u**Nq**aba, imi**nq**athe, m**nq**athe, um**nq**athe, esi**nq**eni, kumbhi**nq**o, ngama**nq**ina)

**ts** (iibhu**ts**i, wa**ts**ala, ukuwu**ts**ala, ba**ts**ala, uku**ts**ala, si**ts**ala, wa**ts**aleka, ya**ts**iba)

VulaBula **Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko**

Ipapashwe 2013 ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy

Zisekwe kwimvelo yothotho lweencwadana exhaswe yi-Zenex Foundation

✶✶✶✶ *Umnqathe omkhulukazi*

- Umhleli wothotho: **Jenny Katz**
- Abaqambi bamabali: **Jenny Katz noMirna Lawrence**
- Umsebenzi: **Jenny Katz**
- Incutshe kulwimi isiXhosa: **Nolitha Bikitsha**
- Umzekelisi: **Sandy Lightley**
- Uyilo nongqaleko: **Resolution**

© 2013 Molteno Institute for Language and Literacy

ISBN 978-1-77580-145-0

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute the Molteno Institute for Language and Literacy, but you may not change this work in any way or use it commercially.




Umfama uNqaba wayelime imifuno esitiyeni sakhe. Yayilungile imifuno.

Wavuka ekuseni uNqaba wafaka iibhutsi, eza kuvuna. Wavuna zonke iitumato. Wavuna yonke iletisi. Wavuna zonke iitapile. Wavuna iminqathe … yonke, hayi!



Mnqathe uthile wawubambelele!
Wazama uNqaba watsala watsala!
Wawumkhulu kakhulu umnqathe!


Wabiza unkosikazi uNqaba ukuze bazame ukuwutsala. Wabambelela kuNqaba esinqeni unkosikazi batsala. Wala umnqathe, wala!






Babiza unyana wabo ukuze bazame futhi. Wabambelela kumbhinqo kanina unyana batsala. Wala umnqathe, wala!

Babiza ihagu ukuze bazame ukutsala nayo. Yema ngamanqina ayo ihagu, yabambelela kunyana batsala. Wala umnqathe, wala!






Babiza ikati ukuze bazame. Yatsiba ikati, yabe sele ibambelela kwihagu batsala. Wala umnqathe, wala!



‘Kudala sitsala. Mkhulu kakhulu lo mnqathe!’ babediniwe.

Ikati yabiza impuku ukuba babuye bazame. Impuku yeza izimisele yabambelela ekatini.



Bonke bazama, bazama, batsaaaaa-la …




WATSALEKA umnqathe!

‘Bizani mna nanini na! Kucacile! Nina nonke, akukho zenu!’ yatsho ngokuzithemba impuku.

## Umsebenzi


Sebenzisa amagama asezibhokisini ukugqibezela izivakalisi.

A




unyana

B




unkosikazi

C




umfama uNqaba

D




ikati

E



impuku

F



ihagu

G



umnqathe

1. Wawumkhulu kakhulu ________________.
2. __________________________ wabiza unkosikazi.
3. Unkosikazi kaNqaba wabiza ____________.
4. __________ yabiza ikati.
5. Umfama uNqaba wabiza ____________________.
6. __________ yabiza impuku.
7. ____________ yazincoma kuba yayizithembile.

I-*Vula Bula* yinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.

Vula Bula

**INQANABA loku- ✶ (8)**

Hayi!
Vula vala
Baleka!
Lala
Bala
Coca
Zoba usike
Mamela

**INQANABA lesi- ✶✶ (7)**

Jika
Utata usele nosana
Umnikelo
Lelikabani eli vili?
Uhambo
Sebeza
Ekhaya

**INQANABA lesi- ✶✶✶ (6)**

Ncedani!
Yophukile ifestile
Uphi uZinzi?
Sityiwe isonka
Sidlala undize
Izinyo

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶ (5)**

Evenkileni yempahla
**Umnqathe omkhulukazi**
Ibali lobugqi
Gcinela ingomso
Isuphu yelitye

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶✶ (6)**

Idabi lomoya nelanga
Umvundla nofudo
Ingonyama nempuku
Ukubhaka nomakhulu
Edolophini
UMzantsi Afrika ngowethu

Iincwadana zebanga zibonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimeleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi/ ubugcisa bokwazi ukubiza ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhiwe lula nacacileyo nesigama esiqhelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo epheleleyo yenza kube lula ukuqonda.

**ISIXHOSA**

ZENEX FOUNDATION
MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY

CC BY NC ND

ISBN: 978-1-77580-145-0